

UMZI ON TSUNDU

B. J. ROSS, M.A.


First Edition

A
496
37H06
ROS

African Studies Seminar

No. 50/1621 Class A 496.87.106

ROS



G. & S. LTD. C.T. 10M/£50

J. F. van Miere

UMZI ON TSUNDU

B. J. ROSS, M.A.

First Edition

LOVEDALE MISSION PRESS.

UMZI ON TSUNDU

Obtainable at the Lovedale Bookstore.

50/1621

INTSHAYELELO.

Lencwadana iteta ngo Mzi ontsundu: ikangele ukwakeka kwawo.

Iziqendu zayo zibini Esokuqala sicacisa ukuba ezi mini zinzima: kuxa Inqubela ifikayo, ize kuvavanya lomzi. Iko nje yona, kuyakupumelela abalingene umzamo, kuba benawo amandla. Amandla yimpilo yomzimba, yimpilo yomxelo: yinkutalo nomonde, yingqondo nemfundo, kukuzibeka nokuzigcina.

Esesibini siteta ngo sapo; kuba owona mzi uyakuba nguwo lusapo. Itemba lo hlanga lisekuvele-ni ko sapo olululo: umncedi wohlanga ngozala usapo alugcine. Apo inteto ekukuyo iti:— Uzuko, namandla, nempilo yohlanga: yonke into elwenza lube lulo isekwe pezu kwama kaya apetwe ngesiko lolo hlanga. Uhlanga luba lulo ngokuziseka pezu kwama siko angawalo, nokugudisa ama kaya kwa ngawo.

B. J. ROSS

Cunningham,

May 1918.

CONTENTS.

	<i>Page.</i>
ISIQENDU 1: Umzi Ontsundu ne-Nqubela	5
ISIQENDU 2: Umzi Ontsundu no-Sapo	19



Umzi Ontsundu ne-Nqubelo.

Isiqendu 1.

Kwaka kwapuma e Scotland i-Professor, engu mshumayeli nombhali wencwadi, edume kwele msfundu lipela: u Henry Drummond. Wenza unyaka e Africa, ikakulu—eyibonile i Lovedale nezinye indawo ezino kanyo—esazulwini sayo; koma Nyasa nangapaya kwavo.

Wabuya waqubela amawabo ezelو. Ngamini itile wayeteta e Edinburgh kwenkulu kunene intlanganiso: abafundisi bese wakeni; abadala bemayela apo nabo; kuzele namanenekazi apambili kwezakwa Lizwi; nati mpi yasezi Kolejini siko kamnandi. Wayotusa leyo ntlanganiso ngamazwi anje ngala:—

Andiyi libali intlalo emandi epolileyo endayi bona esazulwini se Africa. Ndabona apo abantu abangazange bashukunyiswa yinqubela; abangazange bapulwa yimifiko yayo. Nanamhla ndisati, kona nina kodwa bangayekwa bazonwabele bazifele kolo xolo lalontlalo yemvela. Watsho wabeka apo.

Asala acinga ezzinzu amakoboka avela apuka yimifiko yenqubela, nangama xhala nemizamo eyakupela engcwabeni lodwa. Ndeva ingxoxo ngezomini. Kwabuzwa ebingaqele ukubuzwa. Eminye yabhekiswa kum, kuba ndinofifi lokwazi nge Africa. Uve ingwevu yomfundisi isiti: Hayi ilishwa letu: tina sinyanzelwe yile ncwadi isipeteyo ukuba siyise apo. Sipete yona ngesokunene, iyapilisa; sipete inqubela ngesokohlo, iyabulala. Ati omnye: ngani kodwa incwadi le ingahambi yodwa isale inqubela? Atsho esiti: lwaka lwakona uhlanga olurwaqa olwafikelwa yile nqubela ipelqelyo

ye Europe yase Ntshona alwabhangha Iwatshona. Ezozase Africa zoze zisinde zingatshabalali zinzima, ezihamba nenqubela? Ndaqala apo ukwenza izwana; kuba ndikulele endle kwaba kubuzwa ngabo, naxa lenqubela kutetwa ngayo ndingayazi kuyapi. Ndati:—Ukusinda kona ngati baya kusinda: ngabantu abalukuni; kunjalo nje, bayazala balondle lukule usapo Iwabo. Sитетa nje bayanda kakulu. Ati omnye niyazixamla. Inqubela le iya kubafumana nabo. Selafika ixesha layo lokupupuma e Europe. Iyakuligqiba ngoku elimiweyo. Nto ingaba litemba kwezo zizwe kuku hamba msinya kwe Lizwi: inqubela ilandele gama, ifike sekuko kuzo amandla okuzimela.

Lengxoxo yahamba ixesha elide pakati kwaba nonelele ezakwa Lizwi. Yandulula ukucinga nokulanda kum. Kuba kaloku ndikulele endle ndiqele ingoma eteta

AMATAMSANQA ENQUBELA.

endingazanga ndazane nawo. Kwa sisimanga ndakuva abaniniyo lento yeqayiya besiti ibubukoboka, nobunzima, nokwapuka kwabaninzi.

Kwaqaleka apo ukucalula nokwahlula into ezimbini ezikolisa ukuhamba kunye, zinge zintonye, kanti azidibene nganto: emongweni zikolisa ukucasana.

UBU KRESTU NE NQUBELA.

Emongweni ubu Krestu lutando: luvelwano nokutwalisana imitwalo; owomeleleyo abe lidini lopantsi.

Emongweni Inqubela ngu Nqapela ndikule: Isidenge sadalelwa ukutyebisa isilumko: Into ebutataka yadalelwa ukudliwa yenamandla. Aba-

shumayeli bati apa ehlabatini kusoloko kubambene u Nyana ka Tixo no Satana. Omnye ati kubambene Ubukumkani be Zulu no Bukumkani be Hlabati. Omnye ati kubambene ubu Krestu ne Nqubela. Oyakuti onke lomagama asoloko eteta ntonye, akakaposi kuyapi.

Siteta nje kuko ingqondi, ezinye zingaba Fundisi, ezilitetayo eli.

Lentlekele yalemsazwe ikoyo yinto yokubulewa. Ize kubonisa uluntu oluhleli izizukulwana lungeva lukukumele ngamaratshi nangeziyolo. Namhla kobona nongena mehlo; kuve nongena ndlebe. Umtu wode ayaleke, aqiqe, aqonde ukuba inqubela ezilawulayo lolona lutshaba eluntwini. Isipelo sayo sesi sibonwayo namhla. Imfundo, ubuchule, indyebo, amandla, ubuncwane: zonke ezo ziya kuyolisa zinge ziyapilisa ehlabatini, kanti lingeko eligwele nolukanyo Iwabako lenqubela ingeka biko ziyakuya ziye zide zibuye nabarinizo. Isipelo sibe sesi sihogo sipupumele intlanga namhla. Liyatetwa elo ngamadoda angawo. Batsho linge liyavakala kocingayo: atande ukukangela emva, emabalini: koma Yeputa, Tire, Babiloni, Grike, Roma, Spain, France epambi ko 1720. Zonke ezo, ngemini zazo, zaba zinkokeli kolugqatso lwenqubela.

Kwapelela ntweni nye kuzo zonke. Obungapele ndawo ubutyebi, nokuziyolisa, nokukukumala kwibinzana elincinane. Ubupantsi, noburara, nokwapuka okungapelele ndawo kwizihlwele. Kuye kuye ngalondlela lude uhlanga olo lupupumelwe sisihogo lubhange lungabini.

Lombali indala, iminyaka yi 4000 ihamba pantsi kwelanga. Yinqu nqubela leyo: ayizange ingabi

njalo. Bako abati ayisoze ingabi njalo. Bako abane temba eliti umntu uyakude ayaleke, aqiqe, aqondiswe yilentlekele,—iuke zonke intlanga ezipambili kolu gqatso lwenqubela.

Kuba nakule Briteni yeqayiya lika Victoria: ikaya lenkululeko; ihlati labacudisiweyo: zazihleli ziko izinto ezidala unwele kocingayo. Wofika kwizixekokazi ezinje nge London, Manchester, Liverpool, Dublin, Glasgow, Edinburgh ungalibali ubutyebi, imfundo, ubuhle noyolo lwentlalo yabantu abangabo. Kwakuzo apo, nxa uzaziyo, uya kubona izihlwel zitshone eludakeni boburara nentswelo olungena kutiwani bani. Abaninzi basinda kulo macebetshu leminyaka yonke. Bagula, balimala, beyela apo: beyele umpela.

Ndaka ndabonisa amanenekazi amabini akulela e-South Africa lodolopu ye Edinburgh. Abalibala ubuhle nobutyebi: i College ne Tyarike: imfundo nobuncwane. Kupele intsuku kubukwa oko. Ndati make, siye kweli cala linaba beyeleyo. Akubaanga pi bati masishenxe apa: kuyoyikeka apa. Besingazi ukuba kuko bantu pantsi kwelanga abahleli enje intlalo. Siyakwazi e Transkei: intlalo yamaqaba alapo siyayazi. Akuzange kubeko mntu e Transkei owahlala ebubini obufana nobusibubone e Edinburgh. Ndati anika boni nto: bati asisafuni kubona. Yiyo lonto uya kufumana abacingayo besiti: Hayi ilishwa letu bapete Ilizwi lika Tixo silisa e Africa, siye nalo sisazi ukuba enqineni letu kulandela le nqubela iyakudala apo oku sikwaziyo e Europe.

Bafane beteta abo: inqubela ifikile ayisoze ibuye umva. Woteta etetile oti banoyolo abafa pambi ko Ngcayicibi ilizwe lisamiwe okwemvela. Uyazixamla

nalowo: makasele teta nelanga lime, linga hambi indlela yalo.

Nto yokutetwa ngamacebo okuzinceda kwesi sikukula sifikileyo. Apo ndingati, ndilitete ndiyi ntlambi egele ukuzamana nawe Nciba ne Tsomo ekukumele elepuza amagwebu ekukulisa. Nxa umsinga ukulile kungaseko kunyatela ngonyawo: gcina into ezintatu ukuze upumele usahleli.

1. Yincame kube kanye landawo usuka kuyo: ufe kade wapikela ukukangela kuyo.

2. Yah lukana nokukamisa umlomo uzibika : amanzi la akeva buciko ; ayakusuka eble umqala adale ipika, ungawuboni nomti wokubambelela sewu pambi kwako.

3. Kangela kude pambilili unyamezele uzole; nongati ayakubulala wotwalwa ngawo ude upumele.

ONE NDLEBE WOLIVA ELO.

Ndisateta eli. Inkulelwane zo Mzantsi Africa zifikelwe zezimbi imini kwesi sizukulwana. Usizi apo, lolokuba uninzi alukaboni nto. Ambalwa aqondayo ukuba konakele. Angamanye acingileyo afunda ada ayilanda ayazi lento ibaweleyo. Banele abakamisa imilomo ngo: kwati, kwati i Bhulu; kwati, kwati umlungu; kwati, kwati i Bala. Bangxame ngamacebo okuzisindisa loxa bengayazi nale ibabulalayo. Bayotuka abo bakuva eliti akuko nto intsha iniweleyo: akuko bubi benziwa kuni ngo-mhlope bugqite obukade busenziwa ngomhlope kuwabo e Europe. Akuko mntu utsundu ema Zantsi Africa owaka wahlala ebubini ekuhleli kubo izigidi ngezigidi e Europe kwezi mini zika 1800—1900.

Nto yokucingwa ngamadoda ayakuba zinkokeli

kwezi mini zinje nantsi: ayicinge ukuze azame ebona apo kukona.

Ontsundu ulele ubutongo iwaka lemnyaka. Uyotywe kuhluta nokutyeba. Ilizwe lake lihle, lipangalele, lityebile: limxasa atyebe engazanga wasebenza, wacinga, wafunda wadala zinto zokuziqwebela nokuzomeleza. Noswele ingqondo nenkutalo uyahluta onwabe, azale, ondle intsapo. Ziko zona imfazwana zake nokunukana. Koko ezo zifana nokudlala kwamakwenkwana: azizanga zimfundise nto zimqubele pambili. Zomotusa abuye alale engenzanga nto.

Owase Eulope unewaka eliva nzima lemnyaka esesikolweni esipetwe yevona teacher iqabula umtu: isisu esine pango elingazange lidambe. Ilizwe lake laxinana kwanini; ikakulu libi. Umntu upila ngokusebenza nokucinga; ukufunda nokudala izinto zokuziqwebela nokuzomeleza. Iwaka lemnyaka uleqwa lipango. Otyafayo unyatatelwa eludakeni. Okubekileyo kuqatylewa ngaye. Oswele ingqondo namandla usisulu so nawo. Ukuhamba oku kwe-mfundu nobuchule kuku lola kodwa amarele okubulalana: kwandisa kodwa ukudywidana ngento edliwayo. Oswele amandla nengqondo uyadaka nenzala yake. Kusinda kwande onazo ezonto. Kakade lonto iyabahlupa; kuba izifede ziyatshona ziye kwaba senditete ngabo. Bati bebanga abo kufike bambi aboyisiweyo basunduzelwa kolo daka. Kusinde, kupile, kwande abahlupekileyo. Laya lixinana lona ilizwe nakuba lisoloko liko eli zala kulahlelwa kulo aboyiswa zinzima zenqubela. Kwada akwanyamezeleka, labahlanza ilizwe labo bapupumela kwamanye. Emongweni wayo lemfazwe

ikoyo namhla isusela apo. Intlanga zenqubela zibulalana ngokufuna amapandle okupungulela abantu bazo abasa kukunyatelana emakaya.

Bapupumela pipi: America: Umntla no Mzantsi. Australia, New Zealand, South Africa, njalo njalo. Inkulelwane ezisekoyo kuyapi zezase South Africa.

Qonda ke: baleqwa lipango: basunduzwa ngabomeleleyo kunabo: bapelelwe ngama cebo namatembakwele mvela. "Isiduba tini esenziwa ngu Tshaka" asinto yanto kwesi sase Europe.

Qondake: lomntu uza engesiso isitanda bantu. Uza esunduzwe zizidla bantu. Naye uze kusunduza adle abantu.

Ziziqamo zenqubela ezo: yindlela yamakoboka ayo leyo.

U Professor Drummond waliliswa zezonto; akuba ebone intlalo yabantu bemvela; akuba eqonde ukuba nakubo iyaya inqubela.

Lenteto kufuneka ivelelwe ngelinje icala ize kutyeba ivakale nakova kade. Kungakumbi kweli lama ciko atene mbende nokucikoza, kungeko kucinga, nakulanda, Nakuqonda. Umrudo Wamazwi wezo ziguli awuyi kulibala. Siteta nje seyiko inteto; eti okuteta kuqata: kokomntu osicapukelayo ohleli emumete ububi, njalo-njalo. Umrudo wa Mazwi opuma kweziziguli wosulela umzi upela ungeva kuxelelwa ucotshelwe yingozi ungayiboni.

Kungoko into epandle ifuneka itetwe, ilandwe, icokiswe, kudliwe ixesha ngayo.

ABAMHLOPE ABA HLWEMPUZEKILEYO.

Akuko mntu onofifi lokwazi inteto yamapepa esi-Ngesi nesi Bhulu ongayaziyo ingxoxo, engazanga yapela, epete abo bantu.

Ema Bhulwini, Abafundisi, Abombuso, Abemfundu abananya nanga bengawupete ngayo. Kuyo lenyanga ka February kukatatu utetwa nakwi *East London Daily Dispatch*,—ipepa elingena nyameko yakuyapi entweni zama Bhulu. Ingqondi enje ngo J. X. Merriman yaliteta kudala eliti: Lomcimbi ngowona unzima uvingxaki e South Africa, uya ukula leminya-ka; ungapezulu le kwalo ka Ntsundu utetwa pipi.

Nto ipambili apo yile. Akuko dolopu inkulu engena sikalo esiti: Abamhlope abahlwempuzekileyo abafika bevela emapandleni benza urozo olungapeliyo ukuba kungena apa edolopini. Bafika badale apa pakati kwayo lamazala besenditete ngawo. Bafum-balala apo babole babolise.

Kweli lonto yejabumini, kanti yanda ngendlela eyoyikekayo. Ikakulu ababantu ngama Bhulu avela emapandleni: abezinye intlanga baya bhaqeka; mntu ungekoyo apo, kungekuko ngokutana mbende nokunxila, ngovela e Europe.

INGXAKI.

Ingxaki kwaba bantu yile: Ukuhlwempuzeka kubo akuxeli kodwa ukuswela izinto. Kubantu abatadana bancedisane njengama Bhulu yinto engeni leyo. Bahlwempuzeka emandleni engqondo, nenkutalo nokuzinceda. Bafana nehkomo ebutise kade. Woyifunqula, uyikelele amanzi, uyisikele irasi, idle isele, kuse ilele pantsi ingavuki; kuba ipelelwe ngamandla. Ingxaki engena kutiwani isekupelelweni ngamandla engqondo nenkutalo, okusa ekusweloni amandla okuzinceda nokuzibonela.

BAVELA PI ABABANTU? BABULEWE YINI?

Make sibalande. Ukuze sikwenze oko sibona make sivule awetu amehlo ngokukangela into ezimbini.

IMFUNDU: UMTETO WEMVELA.

Nge msfundo, ndeva ngo Ross, ndise lula, ukuba umntu onengqondo uya kuzama ngako konke ukuba owake unyana abe neminyaka efunda kwelase kaya. Kunge ngakuba eyakupumela uviwo oluqata kunolu lwase South Africa. Nokuba oluqata lolu lwase South Africa onengqondo uyakumsa owake ekaya. Kuba emongweni imsundo ayiteni kuyapi nokupumela uviwo: zinto zabantwana ezo. Imfundo kuku-lungiswa kwegazi ngokufaka kulo into zokuli qabula nokukupa kulo izifo ezilonayo. Nokuba ke uviwo lwase Scotland lude Iwangeneno kolwase South Africa: unyana wako makaye apo ukuze kungene kuye egazini impembelelo zelo, kupume egazini lake izifo zeli. Elo ndahlala ndahlala ndaliqonda. Qonda ke, siti liyinene epeleleyo; loxa kuko esibaziyo abangazange baye kwelo lipesheya bebukali bomelele, beko nabavelela kwelo abazifede ezipeleleyo. Kodwa ngokubanzi elo lihleli liyinene.

UMTETO WEMVELA.

Ngumteto owadalwa ngu Mdali mhla wadala. Wadala ngawo engatetanga. Ngumteto opilisa ubulale kungeko kuteta; ungaziwa nokwaziwa wona ikakulu. Unje: intlanzi epume emanzini iyakufa: umntu opantsi kwamanzi uyakufa. Ngumteto wokudalwa kwezo nto lowo. Kuko onje. Into yemvela woyitata uyiqabule uyomeleze ngento ezingezizo ezemvela ilunge kunene izishiy' eziya zihleli ngokwemvela. Yibandeze ezinto uyisabenze ngazo, iyakubuya umva ihlwempuzeke, ide ingafani neziya zemvela, ibe butataka kunazo.

Tata umti uwulimele, uncenceshe, ugalele umgquba; wolunga uye ulunga. Uhlwayele imbewu yawo iye-

ilunga ngokulunga. Kopela ikulu leminyaka kunjalo; lomti ungafani ngeziqamo naleya ihleli imvela. Hiwayela ke lombewu yawo edotyeni, izibonele. Iya kubuya umva, ibuye futi, ide ibhange; eyedobo isahleli.

Kwakona; tata inkomo uzenjenjalo uzungise izizukulwana ngokuketa awona magazi; uxasa nge zitali nehabile. Ziya kulunga ngokulunga. Kopela ikulu leminyaka; ongaziyo ati azifani konke nezi zemvela. Zipose ngoku endle zizibonele nezi zama Xosa. Ziyakubitya zifelwe ngamatole zibutise emalangeni zide zibhange: ezama Xosa zityebile zisanda.

Kungapezulu emntwini. Tata amatole amaqaba uwaeqeqeshe uwafundise ezisimmaren iade apumele ku T3. Bayakuqabuka kutiwe bafundile. Babeke ngoku e Mampondweni kusweleke impembelelo zokudibana nabafundileyo. Nabo bahlukane nokuqabula ingqondo zabo ngencwadi ezifanele amadoda, banele kupata ezi zentsana abazifundisayo. Boqala ngokuba zifede apa ezingatati ne Mvo le: intsana ezinendevu. Bopuma izimvi bengeneno ngengqondo yobudoda nakula maqaba angazange afunde no A.

Kuyo yonke lonto kulawula umteto omnye. Into yemvela eqatyulwe ngento ezingezizo zemvela yolunga ilunge kunene. Yaziswela into ezayiqabulayo yotshitsha itsitshe kunene, ide inge ibutataka kuneyemvela.

Lonto ibonwa ezimini nakwaba bamhlope. Wohlala umfo kwa Gcaleka ngokurweba, ahlukane namawabo, ayekelele ekufundiseni unyana. Wokulela apo lo nyana enemfundwana engeni, engazani namawabo anayo eyiyo. Unezinto, utyebile; wohomba apelele,

ahambe ke nange train. Maxa angatetiyo wonge unguye. Makaqubisane nawe nqubela kutetwe. Wowabona ekangelana ehleka, ati akukwelela uve omnye esiti: Unjalo ke wena "u Kafile Omhlope" ude wambona nawe namhla. Ati UMFUNDISI: nyani nimqonda enjalo! Awu! akuvanga nawe? Maxa eli Ngesi umpandle ingqondo nompakati ngu Kafile ehleli. Nitsho! ewe sitsho. Tshotsho niliweze elo, kokona nolivuma elam eliti bako nabanga Mangesi amnyama. Maxa umpandle ingu Kafile, ingqondo nompakati ifana nale yenu. Ikolise ukuba yenye indaba ke leyo.

Nto ipandle yona ye yokuba lomteto ulawula into zo-
nke ezipilileyo—kususela engceni de kuye ebantwini.

**ABAMHLOPE ABAHLWEMPUZEKILEYO.
BAVELA PI?**

Bapula umteto wemvela; babuya umva; babutataka; banyatelwa ngabenqubela basunduzwa. Yinzala yabamhlope abaqa'l aukufika kweli bema emapandleni. Batyeba lula ngemihlaba nemfuyo. Kanti bahlukana nempembelelo zamakaya. Isikepe sasihamba inyanga ezine zide zibe ntlanu. Akuko posì: incwadi ukusuka e Kapa ziyalezwa kobani: zimbi zihamble unyaka, zimbi ziduke. Kwapela ukuvana nama kaya. Kuye kwaya, kwapela nokuxabisa incwadi nokuqabula ingqondo ngazo. Kuye kwaya, kwapela ukunyamekela ukufundisa usapo. Kwaqala kwangena izifo zeli. Uku yoliswa kuhlala pantsi kubukwe ukwanda kwe mpahla. Uku tshoniswa amalanga kubutiwe kuncokolwa indatyana ezingeni, kupungwa ikofu, kutshaywa amacuba. Uku pakama kukuya kuzingela nokupuma umkosi wokutimba impahla. Onyana batembela apo ukuze batyebé ngomhlaba nempahla.

Yatshitsha apo ingqo ido nenkutalo. Yapela tu ingqondo esoloko ikula: eyonyana isiti tyi kweyoyise. Bapela apo ubuchule bokudala into ezintsha nokufuna amacebo amatsha. Bahlwempezeka engqondweni, enkutalweni nase mandleni okuzibonela. Kuba lomteto, sitete ngawo, uyasebenza wona, nokuba abazi nto bona. Lombali asiyiyo yemini enye: yeye zizukulwana: yeyeminyaka eyi 200. Bafikelwa kunjalo sesi sikukula senqubela baqabuka sebe ngama kambi aposwe emazaleni.

Qonda: akunjalo kubo bonke. Ako enza imizamo esisimanga yokungahlukani nempembelelo zamakaya. Bayigcina imfundu, bakugcina ukufundisa usapo nokubasa kwele mvela. Abo batyeba balungelwa zizinto izizukulwana: nanamhla kuse njalo. Woba bona nase strateni e Kapa. Kube ngapezulu wakudibana nabo ezindlwini zabo. Wobona intombi nabafana: amanene namanenekazi, uqonde ukuba aba abangezihlazi nganto nokuba bafakwe pakati kwabona base Paris, London, Edinburgh. Yiyo lonto wofumana Ingesi, nom Skotshi, kwaba bahleli beziqayisa ngobunene, besiti tina singama nene kwase ndaleni: omavuka ndleleni abaqwebe imali bumini asinato nabo. Wova onjalo akuba ehambele e Kapa wali jika jika, abuyelete kwelakowabo, eteta namawabo esiti: abantu paya e South Africa abafana nati manene angawo, wokolisa ukubafumana kulamia Bhulu ase Kapa; ngawona manene elo lawo. Ngaloma Bhulu kanye ahleli ezama elila ezirara ngabantu bakowabo abonakeleyo. Ibe ngabo kanye abanini kuqonda ubukulu balento iwele amawabo.

Kwabangenjalo wofika i Bulu lituka libilile

lisiti—Ilizwe lonakele: loniwe ngaba bavela pesheya: kobawomkulu lali lilo: ngoku akuko kuxoia nakuzola. Linyanisile lisitsho nje elo. Lipelelwe lona lixesha lalo. Oyise besaba e Kapa baqabelia intaba bebaleka inqubela: yalandela. Bapinda baya e Free State: yalandela. Bapinda baya e Transvaal: yalandela. Namhla ibajikele macala onke akuseko kusaba. Yiyo lonto beyi mirozo ukuya emazaleni edolopo.

KUBA KALOKU LENTO INJE KUBO.

Kutsha nje ndike ndatyelela kumadoda amatatu azalwa ngumfo owafika kweli ilifa lake lizizandla zake: impahla yokucwela; ukukutala okusegazini elalunga kwelenqubela.

Ndifike kwizimamhlaba ezimi ifama ezintle kunene: zintlanu kumadoda amatatu. Ukulandalanda into zelo kuvelise oku. Ezifama zazi ze zama Bulu: acitakala onyana babhang. Pesha paya yeyomyeni wakubo: i Bulu labhang. Ekujikeleni paya yeyona yona fama kweli lizwe: i Bulu lisate cu. Liya litshona ngokutshona. Onyana balo yinkunkuma. Basapila ngokuboleka imali bayidle: baboleke enye bayidle naleyo, kubanjiswe ifama le ngayo. Kungepi yoba yevo nyana betu, wova nawe.

Lonto iligqibile ilizwe: Yiyo edala lemirozo yaboyisiweyo, epelela kumazala asezidolopini.

INTO EPANDLE.

Yeyokuba inqubela iyasebenza e South Africa. Iyazixela ngokusebenza kwayo, ukuba isoloko iyilanto iyiyo kumazwe ayo.

Civilization.

Struggle for existence.

Survival of the fittest.

Kunzima ukuwachana lawo esi Xoseni :

Inqubela :

Ukudla ubomi ngomzamo.

Ukusinda eludakeni kokwabona bafanele lomzamo.

Eli lokufanelia ali teni naba namalungelo ate ati: umzamo awukatalele malungelo. Ukufanelia umzamo kuxela amandla omzimba, ingqondo, imfundu, inkutalo ukuzigcina.

Kuyo yonke lento kuvela ezi zokusiwa engqondweni ngaba kokeli bomzi o Ntsundu.

I. Akuko nto intsha iwufikeleyo lomzi: yinto eminyaka iyi 5000 ihamba pantsi kwelanga.

II. Akuko bubi buwele uazi ontsundu bungapezulu kobubi obukade bushicilele izigidi ngezigidi e Eulope: obu buse ngeneno kobo.

III. Ububi obukoyo e South Africa buqale ngokubulala abamhlope ababutataka.

V. Olibele yingoma enge Bala akakayi landi ayiqonde lento imbulalayo.

Make anele lawo abe ngawe mboniseli eti nafa nilelele.

Umzi Ontsundu no-Sapo.

Isiqendu 2.

Kwezi mini ayipele ndawo ingoma engo konakala ko apo; Kwati, kwati ulutsha, lonakele luya lusonakala. Nasipina isidenge siya kwazi ukuyihlabela leyo, sihlale kuyo. Indoda yona imelwe kukulanda iti kunjenje kungokuba kute kwati; kolunga kwakuti, kuti.

Ekulingeni ukwenjenjalo kuko ndawo zingatiwa geqe kuqala. Liyinene eli liti konakele kuya kusonakala; kodwa kulomonakalo ukoyo kuko ukwandisa uxelwe unge ungapezulu kwento oyiyo. Zihleli ziko, zisaziwa siti sonke, ezingenawo; oti wakuva ukuba lomntana upuma endlini etile umtembe, ngokwazi ukuba inesondlo, inoqequesho, inosapo olululo. Kwa-kona, umntu ocingayo akangele imeko ezikoyo kwezi mini, alande nezaziko kwezo bawo 'mkulu, aqonde nemeko kwezinye intlanga kwezinye izizukulwana angaliteta elinje. Lomonakalo ubuhleli ulindelekile; unjalo nje, awunga pezulu kakulu kwento ebihleli inokutelekelelwa.

Sisidenge sodwa esingaziyo okuba lonke uhlanga oluyakuze lube noluto lumelwe kukulwenza uhumbo olusentlango; apo kuko intsizi nengxaki, zande nezidumbu zabasa bengali bonanga elidinga. Sisidenge sodwa esiti, ngakuba siguqukile sikangele ngakwelo cala, siyaku suka sitandaze, sitandaze siti; Amen! Sivule amehlo ngoku xamla ubisi nobusi singazi nalapo luvele ngakona. Indoda yona iteta isazi ukuba lendlela, ecanda kuyo yonke lentlango inkulu yoyikekayo, iya kwele nyembezi namanxeba; kwelokudana no kwapuka; kwelokuncama nokufa kwabaninzi. Kanti, ikubona konke oko, iya komeleza

umxelo isiti; yobako yona inzala eyaku sinda ipumele, ilibone ilime eledinga. Umzi ontsundu uhaimba apo kwezi mini: uxakekile: usebunzimeni. Naba benza esisijwili abafananga batyafa bancama. Kanti ukulila akuzange kuncede mntu, uncedwa kuku cinga nokuzama.

IMBANGELI ZOBUBUNJE.

Kakade, siyakusuna sifune side sifike esi-Balweni ukuze kunge kuyasa. Nali ku Luka 5. 37. lisusela ku 27. Liko naku Mateyu no Marako. Liteta ngewayini entsha nentsuba ezindala; liti kwadibana oko kuya konakala. Iwayini entsha imelwe kuku funelwa intsuba ezintsha ukuze kulunge. Lewayini, beku xovulwa isiqamo som dleya, amanzi ahlanganiswe atiwe ezintsubeni ezifana nemvaba; ikakuu zona zezebokwe. Iyabekwa njalo ihlale iminyaka. Kakade ke entsha iyakubila ishukume izamiseke. Intsuba ezintsha zinokutwabuluka kanti zisomelele ziyigcine. Ezindala ziyaku gqabuka yakubila yonakale yonke lonto. Enokulunga igcinakale kwezindala yendala eseyabila kade eyakuhlala ite cwaka. Unjalo umzekeliso.

Mhla mnene watetwa kuma Yuda. Wawusiti; yahlukanani noku beka itemba kuñmasiko amadala nenteto zama nyangi. Yahlukanani nokukolosa ngonqulo lokoko nemiteto teto ka Mosisi; eyoku hlamba izaqndla nezitya, neyoku zila noku cekisa oku noku. Oko konke zintsuba ezindala ezazilingene iwayini endala ezamiseke yabilo kade, eseyihleli ngoku ite cwaka. Funani, kwezi mini, intsuba ezintsha. Umnini nto zonke uñkile; uze negwele elitsha elilelake. Uzakugalela lona kule wayini

indala iyaku zamiseka ishukume yonke ibile okutscha. Funani intsuba ezintsha : ezindala ziyakugqabuka ipalale yonke.

Ipandle into yokuba umzekeliso lo uteta elo ; kuba upendula isikalo sabo abanite ndi ngaso, nxabati abafundi bako abayigcini imiteto teto ka Mosisi. Kuba lewayini ateta yona luhlanga ; intsuba ngama siko, imiteto unqulo ; into ezo ezigcina uhlanga. Ngalinye, uti : lemnyaka nezizizukulwana uhlanga lwenu luhleli lute cwaka, alushukumi, akuko mfundiso intsha, akuko nqubela lufana ne wayini endala ebile kade. Intsuba zalo ezindala amasiko, imiteto, unqulo olweza no Mosisi zanela ekulugcineni uhlanga kude kube lapa. Makufike uminailo agalele igwele elitsha : yonke lonto iyakubila, ishukume zigqabuke intsuba ezindala. Yiyo lento ati funani ezintsha. Bamcasa : bakalala : bati ucase u-Mosisi : batana mbende nezo koko. Kanti lona igwele seli galelwe kade ; zasuka zaggabuka ezo intsuba zabo zindala ; uhlanga Iwabo !wacitakala Iwalusali pakati kwintlanga enanamhla. Masi bashiye abo ; siti lo mzi Untsundu ulapo kanye. Kuxa zigqabukayo intsuba zawo ezindala ; kuba igwele elitsha : imfundo, inquvela njalo njalo—liyasebenza : nakulo ungaqondiyo okuba selimngene liyabilisa.

INTSUBA ZOHLANGA.

Intsuba ezigcina uhlanga zilumbumbe ludibane, luvane, lube yimbumba eno komomezana incedisane igcinane nazi :—

(1) Amasiko (2) Imiteto (3) Unqulo.

Oluhlanga Iwakwa Ntu Iwahlala izizukulwana lute cwaka lunga shukunyiswa nto ; kungeko mfundo

nanqubela; Iwafana ne wayini ebile kade. Intsiba zalo, amasiko, imiteto, unqulo zawulingana umsebenzi wokulugcina nokulu pilisa; kuba nazozavela ku Mdali. Kufike bumini olunye uhlanga lweza negwele elitsia ozidolopu, imsundo, inqubela Lwashukuma, Iwazamiseka Iwabila oluuhlanga ludala lufana ne wayini endala; zagabuka intsuba zalo ezindala. Kakade lonto iyakuba nkulu elutsheni naselu satsheni, iti iko nakwabakulu ingabi nesisitonga siselutsheni. Ingambu yomonakalo, lokutetwa ngawo, ilapo. Uhlanga luyenzakala kuba kugqabuke intsuba zalo.

INTLALO KWA NTU.

Make sikangelise silande ama siko, nemiteto nonqulo ekwaku gcinwa ngalo ulutsha. Elona siko lali likulu, lisisiseko, lillitye lembombo kulomzi, lali nje. Umnini mzi uyitloko yaho kwapela: akuko iyimbi. Unegunya elipelelevo elingena kupikwa bani loku pata, nokuqequesha yonke into epakati kwama sango ake. Kunjalo nje unetyala, ahleli elazi, ngabo. Eligunya lake limi ngento ezimbeni azipeteyo; nazozuzipete kusaziwa ngumtu wonke okuba uzipatiswe ngum Dali.

1. Upete Intonga.
2. Upete Unqulo.

Ezonto uzipete kuba eyintloko yabo.

Intonga: lentonga yake ayisiso isi hombo nje: inomsebenzi wayo pakati komzi. Kuba naba fazi babalelwaa pakati kosapo. Umnini mzi uyamlungisa, umfazi ngoswazi, ade amrolele nomnqayi. Akuko tyala, akuko nahlazo kulonto; usemalungelweni ake uquba umsebenzi womzi wake. Nomfazi obekekileyo onesidima ongazange angavisisani nendoda yake uhleli esazi ukuba elegunya yinto ekoyo. Onyana

bona bahleli bengama kwenkwe kuye sebe ngama rwanqa. Naxa indoda seyimi kowayo umango ifuyile, ingumnumzana onenkomu zake ezanazo zilixoba lemfa Zwe; inokubetwa nguyise ngenduku. Into yayo inye: kukubaleka. Nokuti oku yini kangaka Bawo! iyakutsho sevite jaju paya. Akacingi nokuyibamba intonga kayise: into yake inye: kukubaleka. Kunjalo nje akanako ukuyiteta pakati kwama doda into yokuba ubetiwe nguyise. Uhleli esazi ukuba izwi ayakuliva linye "Umtunjani ke wena ude abetwe nguyihlo uyindoda engaka"? Eyoku hamba etetateta enizini; esiti andivani no Bawo kute kwati nayo akivicingi. Kuba uhleli esazi ukuba uyakuzigweba kwayena, azenze isicenge sokoyikwa agxotwe kuyo yonke lemizi yama wabo. Amadoda ayaku tetu linye. Lomtu akanguye: unento engendawo engavani noyiye nje. Akafuneki pakati kwama sango etu; uvakuyi hlisela intlekele imizi yetu. Akafuneki pakati ko sapo lwetu; uyakulu rolela amashwa.

Umnini mzi ebe hleli njalo enegunya pakati kosapo lwake. Umtana ozelwe ngunyana ebesuka, nxa atandileyo, ati lomtana igama lake ngu bani. Abazali basuke babulele. Omnye amtate ati lo uyakuhlala kum. Kusuke kutiwe; unetamsanqa lomtana uyatandwa yintloko yetu.

Unqulo: Kanti elona gunya apata ngalo usapo lwake asililo eli lentonga. Awona mandla ake asentweni yokuba epete unqulo. Unqulo lwabo bonke, nolwaba ninawe, lupetwe nguye: luyinto enoluto kuba luhansiswa nguye. Onyana, abaninawe, abafazi abana nto iyeyabo banokuyi bekisa pezulu: ukuze ibe yinto eyiyo baya kwenzelwa nguye. Ngeyetu inteto ungu-menzeleleli wabo. Ukulungiswa kwabo kwakuba ko-

nakele into: idini ukufuna igqira: konke oko kupe-twe nguye. Nokutetelewa kwabo pezulu kukwa kuye.

Ukoyikeka kwento yokungavisani nokuxabana naye kulapo; kuba kusana nokuzenza into engendawo eswele ikaya, nonqulo, netemba. Kuba unalo igunya lokumcita lomntu kweii kaya, kude kuye ckumhlambeni. Apo ke wenzela ukutshayela asuse ububi pakati kwama sango ake. Ehlanjiwe unyana aka hlanjangwa sesisiq singuyise; uhlanjwe ngama wabo onke: abakoyo nabangasekoyo. Akana kaya ngoko nasehlabatini pantsi, nase Zulwini pezulu. Akako onguye onokumnyamezela pakati kwama sango ake napakati kosapo lwave. Ngalinye; ungendawo. Usapo ahamba pakati kwalo angaluhlisela amashwa: umzi angena kuwo angawosulela ngobubu. Kangela ku Dutoronomi 21:18. ubone ukuhiamba kwa Sirayeli; koko apo ububi balomutu bebu tshayelwa ngokumxuluba ngamatye ade afe.

Eligunya loinnini mzi lai njalo lili kulu kwa Ntu.

E ULOPU.

Eli lakwa Ntu lai yelete kwe lakwa Sirayeli, liyelele nakwelase Ulopu. Kwelo aba Preste base Roma bahlala beli bangä, ngemini zöbuayama igunya loku hlamba-Exumunicate-umtu ougavumiyo ukuba tobela bamenze into eyinqambi pakati ko luntu. Umtu omnike iqekeza lessonka, nomnike indawo yokulala nomtengisele nayipina into bambeke elikulu ityala; kuba ebenento yokwenza nohlanjiwe-yo Um Popo yena ebe hlamba no Kumkani baqoboke. U Kumkani wodumo. Henry IV. Emperor we Ulopu yonke epakati—waye pete intlanga ezininzi. Waxabana nom Popo yayenkulu imfazwe. Wazi kulela izizwe ezinga kum Popo: wahlanjwa. Waqoboka, wa-

bona ukuba ufana nento eyinqambi, ulahlwa nangabe gazi lake. Wakupa izigidimi zokuxolisa. Um Popo wateta lalinye Makeze inqu, eze ehamba ngenvawo, eze esinikele kum kade isitshaba sake sobukumkani, ezincamile zonke impawa zobukumkani, axeles, aliweze, ati akasali fanele igama negunya lobu kumkani. Wapelela ekuvumeni, waya. Wema intsuku ezintatu esangweni lom Popo ezila ukudla engena zihlangu enxibe ingutyanu ezixela ukutaruzisa; iqabaka ilele imhlope iyile yodumo Iwase France. Wavulelwa ngolwesine, wangena wataruziza, waxolelwa wabuyiselwa emiwongeni ake. Waye xela ngalonto um Popo ukuba ukuhlanjwa nguye yinto. Oko kuminyaka eyi 800 kwenzekayo; kwenzeka e Canossa. Abemfundo basatsho nanamhla, bakubona indoda ikukumele ngama wonga ayo "Lowo yena uyakupelela e Canossa."

Eli gnuya lominnimzi kwa Ntu lali yelete kwelo: nakulo ingambu isentweni yokuba epete unqulo.

Kuba namasiko, nemiteto engati ishenxile, uya-kulanda ucokise, ufumane okuba ikakulu epuma kolu nqulo. Akufuneki nganto ukuiibala apo. Ulwaluko: Ukutombisa: Ukugodusu umfazi onento ekatazayo aye kowabo kuxela oko.

Ukubekwa koyise ngonyana kukwa njalo. Umfo onomzi wake, esuyile, esityebi, enekomo azisebenze ngokwake ngama xoba emfazwe nangamakazi entombi zake, akacingi kuxela engayanga kuyise. Uyaku hamba imini yonke ayeku xela, ati ndine nto etile ndicinga ukunqumla etile. Exelile akayikuti kuxele mna: uyakuti kuxele u-Bawo. Kuba eznikomo nongati zize zake nje, uyazi yena, zezikayise Ziyaku tamsanqelwa, zigcinakale zande ngoyise kuba

inguyise ozitetelelayo nabona bazipeteyo: aba ba pezulu.

Kwakona, makonakale into emzini wake, akanako ukuya kuzi funela igqira. Uyaku bikela uyise, ati nanku konakele elusatshehi lwako, eve ngoyise into yokwenziwa.

ISIZWE.

Lento ke ayigcine umzi wodwa inabele nase sizweni. Kuba umnini mzi ehleli njalo elupete usapo lwake, eqonda okuba onyana bake bayinto enoluto ngokuvana naye nokupatwa nguye, uyazi qonda naye ngokwake ukuba uyinto enoluto, ngokuvana ne Nkosi epete isiduko asiso. Inkosi yake uyaku yihlonela avane nayo eyikangele nje ngoyise, ukuze abe nayo indawo eyeyake e-Nkundleni ye Nkosi yake. Ubunzima bake nokubekeka kwake pakati kwama wabo buyinto eyiyo ngezo nto zombini: ukuvana kwake ne-Nkosi yake nokuba nendawo eyeyake e-Nkundleni. Zezinto ezimnika ubudoda obupeleleyo; ukuze kuitwe usisi mamhlaba sasekutini.

Kunjalo nje, nezi Nkosi zipete iziduko zihleli zisazi ukuba nazo zoba noluto ngokuvana ne-Nkosi yohlanga, zazeke zinendawo zazo ebotweni lakomkulu. Ubunzima nokužinza kobukosi bazo kuxomekeke kwezo nto zombini. Zasweleka ezonto, kwanda ukungavani ne-Nkosi nokungaveli ebotwe i-Nkosi epete isiduko iyakutanda ukufana nonyana ohlanjiweyo, iyekupelela emahlatini, kutiwe ngoku, ligqwira lokupunyelwa zizizwe zakomkulu.

Yayinjalo intlalo. Kuyabonakala ke ukuba lomasiko nalemento, nengalandwanga, nolu nqulo, yonke lonto iyangqinelana. Iyavana iyomelezana kuba kaloku ipuma kwingcambu eaye: olunqulo lupetwe ngumnini mzi. Injalo nje ijonge ntweni nye: eyoku

bumba uhlanga luvane, lomelezane, lugcinane lube yimbumba enye, ekangele intlalo ntle yaba bantu bonke kuze kugcinakala ulutsha nosapo.

Zazinjalo intsuba ezazigcine oluhlanga lakwa Ntu.

UKUGQABUKA KWE NTSUBA.

Uhlanga Iwahlala izizukulwna lute cwaka, kungeko masiko matsha namfundiso intsha ilufikelayo. Lwafana njalo ne wayini ebile kade yapola. Zaza ke intsuba zalo, ezavela kunye nalo kum Dali, zakulingana okwezo mini.

Bumini lufikelwe lolunye uhlanga olomelele kunalo, lwafika Iwagalela igwele elitsha : imfundo, inqubela, njalo njalo. Kuye kwaya Iwazamiseka, Iwashukuma Iwabila lonke oluuhlanga lukade lute cwaka. Zigqabuke apo ezintsuba zalo zindala, kwazakuvela lencitakalo siyibonayo. Kakade ionto iyakuba nesitonga esikulu elutsheni naselusatsheni. Abakulu boliva nabo eligwele litsha, kodwa abayikuzamiseka nje ngosapo. Obawo bebelibona lisaqala ukushukumisa lingeka ngeni ngamandla alo. Awona mandla nokona kuhamba kuzekuvela kwezi zetu imini.

Kule inkalo akufuneki kulanda kuninzi. Onamehlo uhleli ebona ngawake. Nto ipandle yeyokuba amadoda axakekile. Nalo uti olusapo lundi xakile ndizakulutini aka zenzisi: utsho eburareni nasezintlungwini. Kuba kaloku kuxa kulapa :—

Bambi basayi casile yonke le ifikayo. Basabambelele koluya nqulo lo Koko: bazama ukugcina ngalo maxa lufe kade. Bambi baguqukile bangena kolu nqulo lutsha, kanti benze into yeziyu zabo nje. Amakaya basazama ukuwa nqabiswa bawake ngama siko nemitetu engavaniyo no nqulo Iweziyu zabo : ibe yinxaki ka nxaki leyo. Bambi baguqukile batata

ngokucapula kulamasiko matsha, bagcina kwangokucapula, kula madala, babe besebenza owokubekela kwezantsuba zindai a iziziba ezitsha; isuke irazulane yodwa yonke leyo. Bambi balahle yonke into elunqulo: noludala nolutsha. Ezabo izindlu bazama ukuzimisa nge ngqondo eyeziq u zabo. Elabo iqayiya lelokuzibonela kuba belumkile, nelokuzitandela kuba bengapetwe bani. Kulapo kuvela kona obu peicleyeo, ubu Lawu.

Bayu baqeka ababonakalayo ngesondlo esisiso nangesimilo esihle sentsapo yabo okuba banazo, naxa kunje, intsuba ezizizo ezigcinayo. Kanti nakubo kunzima; kuba banesililo esiti; intsapo yetu iyosulelwa yintsapo engeyiyiyo. Ayinako ukunqaba: nase lalini, nase sikolweni, nase simnareni ihleli isosulelwa lusapo oluswele ubuntu.

Kunjalo kwezimini. Amadoda ahleli kobukulu ububi engaqondi nalapo kuyiwa kona lusapo lawo. Uku yi futshanisa lendawo kunganje Abanini mizi wofika befana nesikukukazi esiqandusele amatole edada. Wokangela, ukangele ubone isimanga. Intwana ezivele izolo zipala pambil; omkulu ulandeia ngemva. Kube yincamisa zakuti tu emanzini. Ziyakutsho pakati zonke zihambe apo kungazange kuhambe nkuku, zidle okungazange kudiwe vinkuku. Yobiza, ibize kungasabeli nalinye. Yopanda ipande, ibike lomifunzelo kungabiko nalinye loze liyiseso lomigudu. Iya kuzula yodwa isesosiyata; ikohlwe nokuwancama kuba ibone evela apo ibifukame kona. Kuxa kunjalo kwamaninzi amadoda.

Woti apo ke umfo:—uti ke wena siyakude sitini? Usemfanelweni oteta elo. Kuba ukuteta oku, kungade kuveliswe cebo, buyata bokuzi qayisa kuba abako betofeke kade, ezizukulwaneni, benga sabiliswa gwele lifike bumini kubo.

ICEBO.

Apa ndiyakungati ndiya pamba kovakade. Ocengayo akayikutsho; kuba, naxa nditeta ngento, engati ife kade, uhieli esazi ukuba kweli hlabati, oko ladalwa ngu Tixo, akuko nto intle eyaba yiyo, yano sizo eluntwini enokufa ibange. Yongati ifile; kanti iyakuvuka. Ibara, nembonakalo, loguquka: ebuntweni bayo nasemongweni, iseyilanto ibiyiyo mhlaminene. Amandla ayo, nosizo eluntwini, asengalawo abekwakuvo ngum Dali. Ukutsho nditi; Izwi lika Tixo alinayo into yokuhamba licita amasiko ezintlanga zonke lifikasiela kuzo. Liya calula. Amasiko amabi, acasene nobunyulu, liyawacita. Amahle akusela ake ubuntu liyawavusa, liwazinzise, liwomeleze ngakumbi.

Icebo ke ielokuba umzi wakwa. Ntu mawubuyele engqondweni yengqondi zakowabo. Akuko limbi. Ingcambu yalomzi ilapa. Awusoze uzake nkoku shenxa kulo ngcambu, ulahle isimbo sakowabo, usukelane nama siko amanye amazwe. Ikaya lalomzi lilapa. Nongati ke iko kwezinye intlanga into yokuba umuini mzi ayalezele usapo lwake kumfo womnye umzi: lonto ayisayikuze ibe yiyo kwa Ntu. Ishologu lalomzi liyicasile lonto. Lomzi wavela ungenayo lonto: wapila ngokuyi casa. Umfo oyakungenisa lonto emzini wake uwubizela amashwa. Ishologu lakowabo liyakuyisingela pantsi lonzala. Kuba umnini mzi efake ububi, nesifo esiyaku tshabalalisa, pakati kwama sango ake.

Leli nditi icebo linye: kukubuyela engqondweni yengqondi zakowenu.

UMNINIMZI.

Ukutsho, nditi umninimzi makaputume indawo yake nomsebenzi wake: abe yintloko yosapo lwake. Maka wulawule umzi wake, aluqequeshe usapo lwake.

Lonto uyakuyifeza ngelacebo lidala loyise 'mkulu : apate ezanto zazi petwe ngamadoda amakulu akowabo.

- I. Intonga ezamana ne nyama
- II. Unqulo oluzamana no mxelo.

Intonga : apa nditanda ukuteta ndopele kuba kulapa kanye ukuxakana emizini. Abafazi mabahlukane nomkwa ombi kunene ovela bumini batputume indawo yaba nikazi mizi. Kwezi mini umninimzi utata intonga alungise umntwana kuvuke umfazi emengenyawo " Umntana wam lo umbetelani." Ebuyateni bake, akasaqondi ukuba ngelozwi uzifanisa ne Dikazi elili hamba licola abantwana pipi. Akuko limbi Umntu olaziyo isiko ne nteto yakwa Ntu uteta elo lodwa. Nteto indala leyo kwa Ntu akwenjenjalo umfazi. " Utsho kuba unitatepi wezanaye pi kulomzi ? " Ne zwi lika Tixo lilapo ; kuba liti ngumgqakwe umntana ongabetwayo ; kuba elolu sizana lwase mashweni oluswele uyise omtandayo azidle ngaye. Itole lomgquba liyinto enoluto kowalo : liyagcinwa kuba amatemba alomzi akulo : liya betwa lona lilungiswe kuba lino yise olinyamekeleyo. Umfazi ongena kulonteto ebe ' sele cotshelwe leli " Bopa uye naye apo umcole kona."

Abafazi maba putume isimbo sakowabo. Kuba nati aba savela sababona, ngawetu amehlo, abanikazi mizi abangabo ; bona bati indoda yaku beta umntana batelele " Bendiku xelele : kudala ndikuxelela : akuva : uyifumene into ebendiku yala ngayo " Mabaputume eso simbo bahlukane nemikwa yama Dikazi aswela kudala intloni. aqela ukovuya imizi ngento zemigqakwe vabo.

IYEZA LE NKWENKWE YINTONGA.

Elo ndaliva ndise lula. U Ross wandisa kuyise

nomkuluwa wake, kwa Hleke, ndize kufunda into zakowetu. Ndaqala apo ukuba "Iyeza le nkwenkwe yintonga" nasentombazaneni liya lunga. Ndapinda ukuliva elo sendiyendoda, ndilandiswa amabali lixego lase Mbo elindwebe kunene, elawela u-Tukela seliyindoda; laduma ngoku gcina isimbo sakowalo. Latsho, lati no yihlo uyalazi; zubuze kuye. Ndati: Hawu! malibe lililo. Ndaliva lili temba kwi xego clavela e-Scotlan pesheya ko lwandle; naku linconywa lixego elavela e Mbo pesheya ko Tukela. Ndali sebenzisa: lalunga. Kuyo le ingapaya kwale ifileyo dandise dipini. N libone apo inkwenkwe ifeketa nge nkomo. Amadoda ezimini akangele. Ndabuza, ndati yeka bani lenkwenkwe, zeka bani inkomo? Zeka Buso. Ndayibeta, ndati akuko nkwenkwe yoze ifekete ngezika Buso inkomo ndiko, u Buso engumhlobo omkulu kowetu. Yagoduka inemiqela. Kwasa ngolwesibini usuku wafika umfo ka Buso. Wabulela: wati undincedile: uze uyibete: ndiyixelcie, ndati into embi kulento inye. Ndibone imivumbo emitatu maxa benditanda isixenxe. Nokuba igoduke isopa, kulungile ifeketa nge nkomo zika Buso nje. Kwezinye iziyatana ngeku yakutetwa ityala; kuba zirolwa ngempumlo ngaba fazi aba qele u "Umtan'am'lo umbetela ntoni" Oka Buso yena akako apo; kuba uzalwa lela xego lalindixeleta iyeza lamakwenkwe; naye wondliwa ngalo, wasigcina isimbo sakowabo.

Kwakona ndingu lomntu uhamba ezimini, alale pipipi: icawa yimini yam yoku hamba, iyile mini ingewaliselwe ukuba ngama kwenkwe elixesha. Kanti i orangi zam zikolisa ukusinda; kuba nentwana ezikulelwe busela zine xala, ngokwazi ukuba andika ngeni una kweli siko lokudla uyise. ngesono

senkwenkwe inkwenkwe iko. Ityala lezam alizange, liagasoze, liye ku sibonda naku manyi. Isipelo sinye: uyise uyaku yibamba ayikupele amadodana eze nayo apa yenze kona isono; iseze apo iyeza lakowayo. Yalifumana iyaku goduka inengcinga. Ayiyi kuba yilento yezi ntwana ziqele uku hlawulelwaa; zona zihamba zincokola zihlekisa ngoyise. Okuba liyifumene yabonga, iyakuhamba isetyisa inengcinga eyendeleyo eti "U Bawo lo yindoda : akanguye wokufeketa : ukufeketa ngo Bawo lo kupelela ebubini." Nangoimso, yomana uku vuka longcinga ; ukuba ifane yangqengqa, kobako indawo etetayo. "U Bawo lo akanguye wokufeketa : ukufeketa ngaye kupelela ebubini." Nditi Liyeza! lixelwa nasisi Balo.

Kungoko nditi umnini kaya makapate intonga : umnikazi kaya aputume indawo yake yokutelela endodeni yake. Abe neliso elibukali kolu sa po lonke, ati akubona umtana esonakala amiqakule amse kumninimzi, asezwe iyeza lakowabo.

Kuba enyanisweni, akuko mfundu, akuko nqubela, akuko ngqoboko eyaka yapanga umnini kaya intonga yokulungisa inzala yake. Siteta nje iyaziwa e Scotlan inteto enje. Umtana ongabetwayo ngowe xaxa, into eswele ingqondo no buntu. Owe nene uhlala ebuneneni bake ngoku lungiswa linene nge ntonga. I teacher zelo ezinamava woziva zisiti. Umntana wenene wombeta umbetile : inene liyaku bulela. Lumka kowe xaxa ! Wobona sewu shwatyuelwa siyata somfazi, ne xaxa liteta ngoku ku mangalela; kuba liyilonto irolwa ngempumlo ngulo mfazi.

IMI-TSHATO.

Ndibekisa kuma kësikazi eli. Kudala nditshatisa

intombi zenu. Sendaqela ukuqubisana namadoda enjenje. Akundazi Mfundisi! Ndim lowa wandi tshatisa ekutini; wandiyala wati. Oh! kunjani ke namhla emzini wako? Kube kuhle, kube kubi, njalo, njalo. Abanye ndibeve ngamawabó. Kuko ke into enje esikileyo kweli lakwa Gcaleka.

Ngemini yomtshato koñka inkewana iti; Ndifuna ipepa lomtshato. Uzakulenza ntoni? Hayi, lifunwa ngum tshakazi. Nditi liyaku sebenza ntoni? Uyalifuna. Akundipenduli. Nditi umsebenzi walo yintoni? Makata! Awaziwa. Yabona, msana uyakubatala i half groni. Kunani uzitengele icuba, Elipepa alinto yanto: kurweba nje abafundisi ngalo. Uyakuli pikela, alitate. Wohlala uhlale uwuve umsebenzi walo.

Kovela into kwasentloko; engekoyo esikweni. Omnye akayi kulisa kulomzi aya kuwo: uyakuli beka kunina. Omnye akayi kuli gcinisa indoda yake: loba kwi bokisi eye yake. Uzaku bona.

Woti omnye esengum tshakazi, engenaye nonyana amzeleyo, axabane noninazala, kubangisane ngama-qanda. Uya kulirola ngoku. Mna ndingumntu wokanyo: ndatshata: ndabala ngesam isandla: andinanto nento zobu Xosa. Akuzikubapi abesesibayeni. Indoda'm yindiamafa, kukutini ezinkomo zisengelwe kulandlu ka Nobani? Ulipete ipepa lake ngoku. Uyakude aye naku muiinimzi. Woxeleia undwendwe lake, itete nalapo intokazi yokanyo, eqonde kade ukuba ayinanto nento zobu Xosa, kuba yona yabala. Kwati, kwati lenyama ikutshelwe lendlu nalandlu. Kubone nomntana ukuba lufikile ukanyo kulomzi.

Indodana yobuye iye e-Johanisi, ibuye kona idiniwe, izekupumla ekaya. Iyaxoka; Iyakutiwa

ndi obusuku ngo kwati, kwati, u-Yihlo ; kwati, kwati u-Nyoko. Ifika indoda enkulu ijalile icapuka : ibone unina edanile encama. Isatanda yona ukuhlala kulomnzi ivelele kuwo isakolwa kusebenzeila apa ; iti ayisebenzi ilize isebeenzela uyise nje. Iyaku ncama ! Yode iyekuma komnye umango, ixego libe liexamleka apa lodwa, lisonakalelw a nayimpahla, kuba lisele nama kwenkwana.

Kunjalo ukuzaliswa kwale mimango yakwa Gcaleka yimizana engeni. Wobona isibayana sifana nesikotile, nama xobongwana ama Lawu. Yimazi inye, inetole nenkonyana : igusha zintandatu : yihagu epelisa ishumi : imivo kubalwa ingqege ne kati. Kanti kuya kwanda abantwana impahla yona ime ndaweninye ; kuba kaloku lukanyo. Kupungwa kwanibatwe ngo June into eyakusetyenzelwa ngo January, ibatalwe ngo June olandelayo. Owe venkile usenga apo ngamatunga amabini. Liko elexabiso lempahla yake : lilodwa elenzala yamatyala.

Zinjalo intombi ezavela zeva ingoma ka " Mtan'am umbetele la ntoni," zakula zibona onina bebangisana namadoda ngokupata imizi. Yiyo lonto nditi niakubuyelwe engqondweni yengqondi zakowenu. Indoda iputume into zokulawula umzi wayo : umfazi akumbule ukuba indlu eyahlulelene yodwa igwetyelwe ukuwa, aputume isimbo sakowabo.

UMNINI KAYA NO NQULO.

Nalapa ndizaku ntyuntya. Ndisundekelwe ndarukuka ngama ciko acikoza engazange acinge alande. Ade aye kuvela nase Mveni nalomazwi asita icebo ngokuteta okungena kwazi. Wofika iyilengoma. Abantwana betu bonakele ngokuswela i-Teacher ezizizo. Kwati, kwati, kwati i-Teacher. Ukusuk apo

yoba kuba Fundisi. Kwati, kwati, kwati aba Fundisi bezi mini.

I TEACHER

Apa nditi make zipumle i-Teacher, zikululwe kweli ityala. Ako anele amatvala azo. Liyazikulela, lisayakuzibilisa eli lodwa, lokuba bano manyano lwazo: seluneminyaka luko, kanti uyakufika ezintlanganisweni zalo kuhleli konwabile kuteta "inkunkumana" apa eswele izimvo zobudoda, eti iziswele, ingazinoneleli nezamadoda anazo. Yiyo leyo ingaliseso ipepa: Imvo Zabantu. Uyakufika lonkunkumana ingamalungu, iteta nokuteta emicimbini ye-Teacher. Elo tyala lizakutetwa. Umanvano maluqale luba gxote abo ezintlanganisweni zalo. Kungenjalo luyakuhlala iuhlale lubone sekusenziwa nge gunya. Irolwe lo "rabishana" ezikolweni zayo, seyineminyaka, kutiwe mayikwelele pakati komzi omadoda, iyekupata amatole amalawu e-Katala nase Tinara.

Kodwa kweli lokonakala kosapo, mazi gwetyelwe i Teacher. Ezona zizizo, amadoda alixabisileyo ishishini lawo, ahleli eyinonelele intlalo ntle yomzi, zinokuteta okukulu kulomcimbi Kuba zikataze ka zixamleke imini zonke, zizamana nosapo olufana namaramco, ngokuswela umteto owaziwavo. Luswele nesiseko esi sobuntu; esi siti "Beka uyihlo no nyoko" Umzali ubaxotela esikolweni benga loma ramco, sele xakwe kade ngawo. Kanti yena uhleli elalele le Teacher ayikupele into ezinjalo, esiti mayi zilungise, abe uxelelwé mhla ayaku sumana iroba lokuyimangalela ngoku pata rabaxa abobantwana. Akusatetwa ngenteto etetwa emakayeni nge Teacher, itetwe olusapo luko lupulapula. Lento ayinge kanyelwe bani; siyazi sonke iyinto ekoyo. Mayi kangelwe: yiyo le

-
- I. Unifo ukupa ama ramco endlwini yake.
 - II. Utu mawalungiswe yi Teacher yena amxakile.
 - III. Owake umsebenzi kukuzingisa ekutobeni amagunya nokubekeka kwa le Teacher.
 - IV. Ityala lokonakala kwalama ramco ake ulibeka kwaku le Teacher.

Anditsho ukuti banjalo bonke abazali. Anditsho ukuti zilungile zonke i Teacher. Kodwa nje ngokade ebona umsebenzi we Teacher, ekade ebona nowaba zali nditi ezindawo zone ndiqelile ukuzibona zandile. Kungoko nditi akuko msebenzi we Teacher, nelunge kwapel, onokuhamba ube nguwo nxa kusebenza yona yodwa. Into eyoba yiyo kukubambisana kuvene. Umzali. ekayeni, enze olunge naye, i Teacher esikolweni yenze owayo.

Owna msebenzi we Teacher kukufundisa ukulesa, nokubâla, nokubala. Kuyafuneka i-Teacher iyindoda enesimilo, nobuntu, nonqulo. Nto ijongiweyo apo yeyokuba umtana anga boni nto apa e-Teachereni eyakupikisana nento ahleli eyazi ekaya. Uyise womtwana uyakubeka. ekayeni, isiseko; ahambise pezu kwaso umsebenzi wokwaka umtana wake ebuntwini naselu nqulweni; umtana engeka zange wabonana na Teacher. Isiseko sobuntu nonqulo emxelweni womtana nasi:—"Beka uyihi no nyoko" Leyo ke iyaku setyenzwa nguyise pakati komzi wake. Unapakade umtana afundiswe lonto komnye umango vindoda yomnye umzi. Lowo umsebenzi awuyalezelwa; kunjalo nje awenziwa ngum qeshwa: ngowomzali. Nokuwu hambisa, isiseko sesibekiwe, kokomzali. Kulungile, kuhle, i Teacher ifundise i Zwi lika Tixo. Kodwa apo yenze "ukutcela emigudwini ehleli isenziwa ngumzali" Akuko Teacher yoze yenze nto iyiyo ngoku qala into

entsha engeka patwa ngumzali kule ndawo yobuntu no nqulo. Ndinga qokela apo nditi into enjalo icasiwe lishologu lakowenu. Akuko siko lake lanjalo kwa Ntu: akuko lusapo lwakona lwaka lwalungiswa isimilo yindoda yomnye umzi. Bububi bodwa obunokuvela umnini mzi akuhlala ngokuyalezela usapo lwake kumtu wase mzini.

Kuba nakulomzi un hlope, we nqubela, ako amadoda angawo: aba Fundisi namanye aziqqondi kwezem-fundo ateta eli:—Ayifuneki into yoku patisa i Teacher umsebenzi wokufundisa esikolweni semini unqulo ne Zwi lika Tixo. Batsho babeke indawo ezimbini Kuqala olusapo lupuma kwizindlu ngezindlu, ezondlu azifani: abapati bazo abafani. Bambi abateni no nqulo, bambi banemigca yabo eyodwa. Abazali baba bantwana abantonye ngnqulo. Isikolo sona indlela yaso mayibe nye. Akuyi kulunga nxa umntana eyaku hanjiswa yi Teacher ngomgca ongengwo owe kaya apuma kulo.

Okwesibini—yile ke eyona inamandla—ukuba i-Zwi lika Tixo liyakufundiswa yi Teacher lonto iyakupelela ebubini obubobu. Umnini kaya uyakuba likambi pakati kwama sango ake, abe kapukapu emehlweni abantwana bake bakukula bapume pantsi kwegunya lentonga. Kuba kaloku upangiwe eyona nto isisi hombo sake, eyona nto ingamaudla ake, nowona msebenzi oxela ukuba uyintloko yabo. Ngalinye uyakuba sisifologu nje sokubasebenzela imali; kuba into ehleli ixela okuba uyintloko yabo uyipangiwe yanikwa i Teacher.

Asingedede siliweze kangako tina; linokuvakala kodwa elo. Eli lona lelokwezwia. Umitu onokwanela kukuyalezela, endoden i yomnye umzi, ubuntu nonqulo

losapo lwake uxela mhlope kolo sapo okuba ezonto yena akazixabisanga.

ABAFUNDISI.

Nalapa ndingati bupandle ubudenge bokulila ngaba Fundisi kulento yosapo. Akuko mplofeti na Mfundisi waka watunywa ngu-Tixo nangabantu ukuba maka hamb'elala kule mizi yonke ehlala kwezi ndlu zonke elungisa intsapo yazo. Owake umsebenzi kukucaza i Zwi lika Tixo; a xelele abantu okutetwa lilo kule into nakuleya: abafundise ingcina eyiyo kuzo zonke imeko ezibafikelayo: aba cebise icebo lika Tixo kuyo yonke into abayenzayo. Kube kokwabo ukwenza: kube kokwabo uku goduka nalofundiso; baye kupata ama kaya no sapo lwabo ngaloma cebu nalo nginga. Usentweni yake xa ateta nabazali ebaxeleta esiti. Izwi lika Tixo liti liti kulomcimbi woku lungisa usapo. Uiahlekile nxa ayakutanda ukusunduza abazali enze yena elusatsheni lwabo lanto ixelwa li Lizwi iyeyokwenziwa ngabo. Ityala angabekwa lona ngabazali linye "Akuzange usi shumayeze okutetwa li Zwi lika Tixo ngomcimbi wabantwana betu.

Ukuyi tyebisa lendawo make ndiyi e Scotlan. Iyazeka kumntu wonke ofundayo into yokuba olo hlanga luhleli ludumile ngoku xabisa aba Fundisi balo: lupambilis ngokuba fundisa, nokuba xasa, nokuba tobela. Luyazingca kakulu ngalonto, lusiqa-yisa kunene ngabo.

Yinteto yabo enkulu eti:—Abetu aba Fundisi abazange basi yekele: naseku teteni, nasezikalini, saqela ukukokelwa ngabo. Imini ezaba zezona e Scotlan zintatu. Eyokuqala yeyamhla yalwa undofela iminyaka eyi 30: kufunge indoda nomfazi nomtana. Unapakade sipatwe yi Inglat. Kwezo mini um Popa

waba ngaku Kumkani we Inglan wamhlamba obe litemba e Scotlan. Kumhla kwehla isanga : kwapakama aba Prite base Scotlan, bepetwe ngum Popo, bateta pandle kulomntu uhlajiweyo bati "Siyakusikelelwa." Into enje ngaleylo yaqala ngalomini ukubako pantsi kwe langa : yapelela entsikelelweni.

Eyesibini yaba kwezinye izizukulwana, iyeyo kusombuluka emagunyeni om Popo. Naylo yaba yeayokuteta yaba yeayamarelo. Kwakokela nalapo aba Fundisi, be telela koyena Mfundisi uyimbasu kolu hlanga u Knox.

Eyesitatu yaba kude kuleyo, iyeyoku gxotwa ko-Kumkani begazi lasendalweni, kuze kungena lomlibo ukoyo, kuba abo bapikela ukulugonyamela uhlanga kwezo nqulo. Nalapo kwaba sema releni kwafa aba Fundisi. Nakulentlekele ikoyo kusenjalo. I-Bishopu zase Inglan zilibele kuteta teta okwati, kwati aba Fundisi nokupata intonga ; abase Scotlan kudala bese misini, abanye bafele apo. Kanti ke nasi isimanga. Oluhlanga lusingca kangaka ngaba Fundisi balo lolona luyimeleyo into yokuba unqulo lwase kaya luyakupatwa ngumnini kaya. Leyo into luyiteta lude lunge luti umfundisi akananto apo. Bayakolwa akuteta enze kwezombuso ; kwezemfazwe ; nakuvipina ecukumisa ilizwe labo. Kule akufuneki apate : yeyonhini kaya : uyipatiswe ngum Dali.

IMBONGI YASE SCOTLAN.

Ngabantu abalukuni, benenkani, abatanda ilizwi labo. I-Ngesi liyaxakwa ngabo. Woya lisiti. Ababantu bayinkohla : akusoze abafumanę bevene : into yabo inye kukubambana nge ngxoxo. Kanti obaziyo uyzazzi into ezinokuba dibanisa. Kankanya nję

imbongi yabo u Burns. Bayaku xumà nje ngonintu omnye. Bengama waka, bayaku teta linye. Yeyohá yona mbongi yetu leyo, kungasoze kuvele enjengayo. Nguye kwakanye obesazi esiqonda nengcinga, negazi, nomxelo. Guyena otete okona kuteta kwetu kubabuhlungu, kusemxelweni waku misa kwema.

Lembongi yabo ke, bati iteta okona kuteta kwabo kusemxelweni, yeyona mbongi kuzo zonke imbongi zentlanga zonke ebonge ngo nqulo lwase kaya olupetwe ngumnini kaya. Lonto uyilanda, ayibalisë ayidumise ngamazwi aketiwego, amahle, amandi acukumisa igazi atsale inyembezi zomutu wakowabobo Ati akwenjenjalo, axele; "Nantsi ingcambu Uzuko amandla impilo ye-Scotlan ingcambu yiyole: lolu nqulo lwase kaya lupetwe ngumnini kaya." Alitete neliti yeha i-Scotlan yake yabanga lengcambu! Yeha uhlanga lwayiswela lengcambu!

Lembongi yabonga e-Scotlan u-Tshaka engeka biko pantsi kwelanga; u-Rarabe esaqala ukuwela i-Nciba; Kusapete u-Gcaleka kweli. Kanti nasi isimanga. Iteta inteto eyayitetwa zingqondi zakwa Ntu kuseko u-Gcaleka. Isiseko sohlanga lunqulo lwase kaya olupetwe ngumnini kaya; impilo namandla eluhlangeni ingcambu lolunjalo unqulo.

Akuko limbi icebo. Indlu eyakelwe entlabatini iyawa. Umzi ongenasiseko uyakubanga.

ELOKUPETA.

Kwezi mini baninzi ababeke amatemba ko V. no VI; i-Simnari no Nokollegi. Lelokutetwa, kungeko zintloni, eliti bavaxoka ukuba abaqualanga bona emakaya babeka isiseko sobuntu no nqulo. Bayaku-

xamleka bexamlekile, badeleke bedlekile, bade babase napesheya ko-lwandle: isipelo sibe sesesiyata apa ekutetwa ngaso esakela entlabatini indlu eyawa: kwakukulu ukuwa kwayo; kuba kaloku kwezi zetu imini umkukula no qwitela lwenqubela luko; luze kucikida izakiwo.

Itini yona le imana ukuvakala kwa Gcaleka kwezi mini? Intsha: isaqala: itini? Iteta nge Lobane. Iti hayi umntu wako wetu ofunde kakulu! Lelona ramco lidla libuqe amawalo. Iko apo imfundo, iko nengqondo yobulumko: nto ingekoyo, sesisiseko. Eso sona isakiwo siti mhla siwayo sicumze abaninzi.

Kwakona kuyatetwa nasema Bungeni nako Maso omzi kude kuyekuba se-Mtata. Kwati, kwati, u-Rulumente uwacitile amasiko akowetu: makadale imiteto yokukusela usapo lwetu. Umbuzo apo nangu. Nguwupina u-Rulumente owake wahluta umzali into azipatiswe ngum Dali zokulungisa inzala yake. Kudala ndibuza, andipendulwa; andazi mteto owake wapanga umzali ilungelo lake lokupata Intonga no Nqulo endlini yake.

Kweli liti u-Rulumente makadale imiteto yokukusela usapo: ncama! Uyakulihamba uliqibe elimiweyo; kuzo zonke intlanga zalo ufumiane oku:—

Umteto ka Rulumente ujonge ukubamba nokohlwaya into ezonakele kade umxelo. Akuko mteto wakwa Rulumente unokutini nokulungisa umxelo womtu ngapakati. Ndoze ndive noyakundixeleta i-Nkosi zakwa Ntu ezazi nemiteto namagunya okuya kungena endlini yendoda ngokuluugisa inzala yayo. Nezo Nkosi bezisuka zidle umntu usapo lakwenza okutile ukona elizweni: kusenjalo na namhla: kopela.

kusenjalo: Unqulo nobuntu busekwa ekayeni: ezo zona aziyalezelwa: azina nkundla: zisetyenzwa pantsi kwentungo, ekaya.

UMBUZO.

Azi koba kokunjanina nkugwebeka kwamadoda akwa Ntu mhla kuyakuvuka amanyange nengqondi zakowabo kutetwe anje:—Tina sashleli ebunyameni siswele nonqulo olululo. Sacinga sazama kunjalo; oyihlo mkulu sabagcina bagcinakala. Sabasebenza ngenxa zombini, inyama sayizama ngentonga, umxelo sawuzama ngonqulo. Usapo letu naluyekela lwaza kutshabalala ezandleni zenu. Usapo lwetu napikela ukuluyalezel a kumadoda eminye imizi, lonakala, ninalo kade olona nqulo lulolokuqala nolo kuggibela; isezindlwini zenu incwadi epete ukuteta kom Dali. Usapo lwetu lwatshabalala kunjalo.

Nditi, abo bona abasayikuze bacikozelwe ubucikwana obucikoza nge Teacher nabafundisi. Bayalazi bona isiko eladalwa ngumdali walidala mhla wadala oluholanga. Kungoko nditi kumbulani, mzindini wakwa Ntu, ukuba kuko ilifu lama ngqina eliningqongileyo nibaleke ngomonde eluggatsweni olubekwe pambi kwenu.


UMBANDELA.

Ezi mini sikuzo zinzima, zixakile, zezenqubela. Zinamagwele amatsha nemfundiso ezintsha. Zifuna amandla, zifuna ingqondo, zifuna ukuzigcina. Gcinani ngoko isimbo sakowenu nihlale engqondweni yengqondi zakowenu, ukuze nibe luhlanga. Inkulu kwezimini inteto engohlanga nokwaka uhlanga. Uhlanga luba yinto enoluto ngokuziseka pezu kwamasiko alo. Lwakeka pezu kweso siseko.

ngokuzala usapo, oluyakugecinakala lube nempawu eziyakulu balula zixele apo luvela kona.

Akusoze kubeko luhlanga ngokwanda kwama Ranuka nama Bastile : zizicaka zeziacaka ezo. Akuko nteto elihlazo ipantsi epuina kumuntu wakwa Ntu efana nale iqalayo kwezi minni ukuvakala. "Tina kaloku sipetwe ngumlungu : amasiko etu abanga : eyetu into seyikukutata la omlungu kuba kaloku sesingama Bastile kade." Kutsho umfo wakwa Ntu, uqonde ukuba lelipelleleyo i Lawu, akuseko mandla okuzama, akuscko temba lokuzitemba, akuseko nakuzidla ngohlanga lakowabo. Oko kuyakuhluta eso sisu sake ukoliwe yena nokuba uhlanga oludala, olwalubalulekile ngento zalo ezintle, luyakudaka kusale ama Bastile esikundleni salo. Igazi lohlanga kukutanda, nokugecina, nokucokisa amasiko alo. Oiwakwa Sirayeli luminyaka yi 1900 lulusalil pakati kwentlanga, indwayi ezingena kaya' nankosi, namhlabo. Kanti baselu hlanga ; basa vana, basa bambe itemba eliti isayakuvela imini yokuvuka kwetu elututwini. Indlebe basayi bazele izwi eloze livakale lisiti. "Zivutulule utuli ; suk'uime, hlala pantsi Yerusalem ; zikulule imbopelelo zentamo yako, intinjwa, ntombi engu Tsiyon." Iminyaka yi 1900 beselututwini kanti baselu hlanga : abangawo ma-Bastile.

Ngani kube njalo ? Bagcina abantwana ; bagcina wa ngabazali ngesiko elilelabo.



3 JUN 1950

